*Kurukukuuuuguuuu!*

Kukhala umqhagi uvusa uWenzile. Yintsasa yangoLwesihlanu, olona suku aluthanda kunene uWenzile.

Iingcinga zakhe zikwizicwangciso zakhe zasemva kwemini.





*Tsii-gxada!*

Wehlika ngodlamko ebhedini waphantse wakruneka. Ukhangeleka ewulungele wonke umsebenzi nezifundo zosuku. Akasakwazi nokuzibamba yimincili!

Uleqa phi uWenzile?

*Tshwa!*

Wangena ebhafini, wala-wala amanzi. Gxabha-gxabha ukulungiselela ukuya esikolweni.

Uleqa phi uWenzile?





*Letshe-letshe!*

Wagxanya ukuba ngowokuqala emigceni waphantse watyibilika.  “Ukuba ndiyakhawuleza, nosuku lwanamhlanje luzakuthi tshe,” uyanqwala eziqinisekisa.

Uleqa phi uWenzile?

*Rhiphi-rhiphi!*

Wenza umsebenzi wesikolo kwigumbi lokufundela. Ngowokuqala ukugqiba, wenze iimpazamo ezimbalwa. Wayelangazelela ukuphuma kwesikolo.

Uleqa phi uWenzile?





*Khelekenkce khelekencke!*


Kuvakala intsimbi yokuphela kosuku.  Ngqe ukuphuma esikolweni, waphantse wawa.

Uleqa phi uWenzile?

*Chu-ngcembe.*

UMama umkhawulela kwisango lesikolo. “Masikhawuleze, Mama,  sizokukhawuleza sifike!”  UMama ebethembise ukumsa epulini uza kuqubha nabazala bakhe.





*Gxidi, ngqe!*

Usondela nganeno. Akabanga salinda imoto imise kufuphi nepuli.

*Nkxu!* Uvavanya ukubanda kwamanzi ngonyawo.

*Dyumpu!* Ungena emanzini.

*Nkxwe!* Umlozi endlebeni ingenwe ngamanzi.

Iinyawo zithi amanzi atshisa *bhe!*
Isifuba sithi amanzi abanda *nkca!*

*Nyosho-nyosho.*

Ubuyela emotweni eqhaqhazelisa amazinyo. UMama uqonda ngqo kuye.

*Qhiwu* itawuli emhlophe qhwa, entsha kraca. *Wambu.* UWenzile uyazosula azomise ngayo.

*Vruummmm*. Bayahamba bayagoduka.



*Shixi-shixi.* Ungena endlini udiniwe.

*Dimfi.* Ulele esofeni uphelile.

*Thwiii!* Ubiwa bubuthongo alale.

Akadinwanga kukuqubha uWenzile, udinwe sisantya enze ngayo yonke into. Phofu akukho nanye ayenze ngokugqibeleleyo!